## IMIYALELO

Funda yonke imibuzo.
Cinga uqiqe phambi kokuba ubhale.
Phendula yonke imibuzo, ubhale ngokucacileyo.

## ICANDELO A

## UMBUZO 1

**Funda esi sicatshulwa singezantsi wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.**

**UNYAKA WE 2010 EMZANTSI AFRIKA**

1. Apha ebomini unyaka ngamnye uba nezinto zawo, oko kukuthi unyaka ngamnye uzibalula ngeziganeko zawo. Maxa wambi iziganeko ziba zeziyolisayo, ngeli xa ezinye iziganeko zinxunguphalisa kananjalo. Uya kubeva ke abantu bewubalula unyaka lowo ngokwezehlo zawo, uve bethetha ngonyaka wonxunguphalo, mhlawumbi unyaka woyolo, lo gama abanye bathetha ngonyaka wethemba. Yavela imisebenzi, akhiwa amabala, lonyuka uqoqosho, kuthengiswa izinto ngezinto ezixhasa lo mdlalo.

2. Nalo ke unyaka uza kuba yimbali nakwizizukulwana ezizayo. Kuya kushiywana ngokuwa kwamazwi ukuwuchaza ukuba ube ungunyaka onjani lo we-2010. Ifikile kweli loMzantsi weAfrika indumasi yomnyhadala, yomdlalokazi omkhulu webhola ehlabathini, abathi ukuwubiza ngolwasemzini yiFIFA WORLD CUP. Kwakungamayeyeye, kuyimiyiyizelo, amakhwenkwe ebeth'amakhwelo, kuvunywa amagwijo omdibaniso, inene kwakusindwe ngobethole kweli loMzantsi Afrika!

3. Ngomhla we-11 ku Juni angena ke amakhwenkwe ebaleni, ashiyana ngobuchule emkhaba, emxusha uJabulani, ndithetha ngoMzantsi Afrika. Amaqela ayequbisana kule midlalo yendebe yehlabathi yayiyiFrance, iBrazil, iGhana, iNetherlands, iNgilane, iMexico, iChile, iSpain, ndibala ntoni na ! La ngambalwa kumashumi amathathu anesibini amazwe ayethabathe inxaxheba. Kwaba njalo ke nokukhutshwa kwamaqela, kushiyanwa ngobuchule bokufaka amanqaku.

4. Ngomhla wamagqibela-kanqoyi umhla weshumi elinanye kuJulayi, ayiphakamisa indebe amakhwenkwe aseSpain ebetha amaDutch. Kwaba ke nguphela-phela ngantsomi, iphelile imidlalo yendebe yehlabathi kwibhola ekhatywayo. Zonke ke iziganeko zayo ziya kushiyeka ezingqondweni nasezintliziyweni zabaninzi ehlabathini jikelele.

5. Yinyaniso eyokuba sifunde lukhulu njengesizwe, sibonile ukuba isizwe singamanyana sibe yimbumba yamanyama xa sizimisele koko, sibe nakho nokuzimanya namanye amazwe ehlabathi. Abantu baseMzantsi Afrika balibonisile ihlabathi ukuba bangabantu abanobuntu kakhulu kwiindwendwe zabo.

6. Yinyaniso nokuba babe baninzi phaya emaphandleni nasemikhukhwini abasaleleyo ngemva kulo mgcobo mkhulu kangaka. Baninzi abaya kubaliselwa ngobu bumnandi, de ngelinye ixesha bade babe ngathi bona bebephesheya kwezilwandle, ukanti ke bebehleli belinde ngenyameko kwezo ndawo zabo ekungekho nombane wokukhanyisa.

7. Mhlawumbi abanye beberhalela kakhulu ukuya kuchopha kuloo mabala bekudlalelwa kuwo, kuloko imali ibinqongophele. Ezingqondweni zaba bantu umbuzo omkhulu ngowokuba, kazi boze baxhamle na ke kumaqithi-qithi alandela le ndebe yomhlaba, angebi mhlawumbi bangalibaleka!

8. Kodwa ke ithemba alibulali, mhlawumbi kumhla kuza kuxhamla abo basemnyameni nasebugxwayibeni eMzantsi Afrika, kungoko ke abo basebugxwayibeni besithi 'Halala nyaka- ndini we2010, ungunyaka wethemba elitsha kuthi!'

[*Ngu Ngelosi*

1.1 Yintoni ebalulekileyo abantu baseMzantsi Afrika abaya kusoloko bewukhumbula ngayo unyaka we-2010? (1)

1.2 Kumazwe ebequbisana khawubalule abe MANE kula akhankanyiweyo kwisicatshulwa. (4)

1.3 Elona qela elithe laqhuba kakuhle leliphi? (1)

1.4 Xa ucinga ingaba zeziphi izinto ezibalulekileyo nezintle ezithe zaba ziziqhamo zendebe yehlabathi. (Nika zibe NTATHU) (3)

1.5 Ngokombhali zikhona izinto ezingekho mnandi ezenzekileyo ebantwini ngexesha lendebe yehlabathi. (Khawubhale zibe MBINI) (2)

1.6 Khawuchaze ngawakho amazwi ukuba ezi ziqwengana zingezantsi zithetha ukuthini njengoko zisetyenzisiwe kwisicatshulwa.
(a) kwakusindwe ngobethole (umhlathi wesibini) (1)
(b) sibe yimbumba yamanyama (umhlathi wesihlanu) (1)
(c) imali inqongophele (umhlathi wesixhenxe) (1)
(d) indumasi yomnyhadala webhola (umhlathi wesibini) (1)

1.7 Ucinga ukuba bangenzelwa ntoni abantu abahluphekayo ngemali eyenziwe bubukho bendebe yehlabathi? (2)

1.8 Ngokolwazi lwakho lithini igama leqela lesizwe lebhola ekhatywayo loMzantsi Afrika ? (1)

1.9 Nika imibala efumaneka ngokucacileyo kwisinxibo sokudlala seqela elo. (2)
[20]

## UMBUZO 2

Apha kwisicatshulwa esingentla kukho amagama akrwelelwe umgca ngaphantsi, ukusuka kumhlathi woku -1 ukuya kowe -7. Ingaba aziziphi izigaba zentetho? Sebenzisa uthango olunikwe ngasezantsi.

Umzekelo: **Igama** **Isigaba sentetho**
Lowo Isimelabizo sokukhomba

| 1gama | Isigaba sentetho |
|---|---|
| (a) ebaleni | (1) |
| (b) yehlabathi | (1) |
| (c) zonke | (1) |
| (d) bona | (1) |
| (e) omkhulu | (1) |

[5]

## UMBUZO 3

(a) Sebenzisa eli gama “abasaleleyo” kwizivakalisi ukuze liphuhlise iintsingiselo eziMBINI. (4)

(b) Nika isichasi seli gama lingasentla “abasaleleyo”. (1)

[5]

## UMBUZO 4

Guqula ezi izivakalisi ezilandelayo zibe kumaxesha akwizibiyeli.

Umzekelo: **Babonise** ubuntu kwiindwendwe abantu bomZantsi Afrika. (Ixesha eladlulayo)

Impendulo: Babonisa ubuntu kwiindwendwe abantu bomZantsi Afrika.

4.1 Ngexesha lendebe yehlabathi **iyavela** imisebenzi. (ixesha eladlulayo) (1)

4.2 Ngomhla we -11 kaJuni **bangene** ebaleni aBafana-Bafana. (ixesha eliza kuza) (1)

4.3 **Kube** njalo ke ukukhutshwa kwamaqela ebaleni. (Ixesha eladlulayo) (1)

4.4 Iziganeko zale ndebe **ziya kushiyeka** ezingqondweni zabantu (ixesha elidlulileyo) (1)

4.5 Abantu abaninzi **bazuzile** ngexesha lendebe yehlabathi.(ixesha elizayo). (1)

[5]

## UMBUZO 5

Imfuna-lwazi
Umzekelo:-Abantwana abazelwe ngemini enye ------ ngamawele
Udade bomama wam --------------- ngumakazi

Kuthiwa yintoni (ubhale igama elo kuphela):-

(a) Umphokoqo onamasi? (1)
(b) Iinkobe zombona omtsha eziphekwe neembotyi? (1)
(c) Umntwana owalekela amawele? (1)
(d) Isiko lokungena kwenkwenkwe esuthwini? (1)
(e) Igama elinikwa utywala besiXhosa? (1)
[5]

## UMBUZO 6

ISISHWANKATHELO

Usifundile isicatshulwa esikumbuzo 1 esingendebe yehlabathi, ngoku sishwankathele ngamagama angama -70 – 80 usebenzisa amazwi akho. [10]

Uhlolo lwakho luyakugxila kwezi ngongoma zilandelayo:
- Iingongoma eziphambili ezibalulekileyo namagama angundoqo.
- Isakhiwo somsebenzi kujongwe nolwakhiwo lwezivakalisi.
- Usetyenziso lolwimi nesigama esisiso, upelo nosetyenziso lweziphumlisi.

## UMBUZO 7

Funda lo mbongo ungezantsi wandule ukuphendula imibuzo elandelayo:

**LUTHANDO MNTWANAM**

1. Mntwanam ndikuthandile, ewe ndikuthandile!
Ungekabikho ndikucingile, kwaluvuyo entliziyweni yam
Mhla wafika yaba ngummangaliso!
Mhla wafika yaba luchulumanco!
Mhla wafika, kwahlal'isidim'ekhayeni lam.

2. Ndikubonil'ukhula kwamnandi kum!
Ndiyenzil'imizamo, wakhula wangaka.
Namhlanje uncuma uncumo lokwaneliseka,
Kwanamhlanje awoneliseki sisandla sam uyandityhiliza.
Namhlanje uyangqisha, uyatshikila undishiye ndithetha.

3. Mntwanam lwamkel'uqeqesho njengesitshixo sobom!
Mntwanam ndamkele, uyibon'intliziyo yam!
Namhlanje ndiyakwazi **ukukwaneza** ukanti ngomso iimeko ziba nzima kum
Ndiyafuna ukunika yonk'into mntwanam! kodwa andinanto yonke sana lwam!
Ndamkele xa ndisiza kuwe, undihlangabeze.

4. Bude ubom mntwanam, buyincindi yekhala kananjalo.
Masifumanan'endleleni, sinikan'iindlebe, sicothoze kunye!
Mna nawe sinekhonco elinye, wena ungumntwana'm, mna ndingumzali
Mna ndakukubeleka wakuwa! wena uya kundityatha xa kunzima kum!
Siphumelele kunye! sivuye kunye kuba thina sobabini siyathandana!

*[nguNgelosi Ncapayi]*

7.1 Nika umongo walo mbongo. (1)
7.2 Ingaba imbongi ibikweyiphi imo ngeli thuba ibongayo kulo mbongo? (1)
7.3 Khawucacise ukuba imbongi ithini xa isithi "ndamkele, uyibon'intliziyo yam". (Kumhlathi wesithathu) (1)
7.4 Chonga amagama abe maTHATHU kulo mbongo abonisa ukuba le mbongi ikhe iphathwe kakubi ngumntwana wayo. (3)
7.5 Chaza ukuba ezi ntetho zilandelayo zithetha ukuthini njengoko zisetyenzisiwe kumbongo lo.
(a) "Kwahlal' isidim'ekhayeni lam" (1)
(b) "Buyincindi yekhala" (1)
7.6 Imbongi isibenzisa u "si" kude kube kane kumhlathi/indinyana-4 umqolo-2. Ngoobani aba ithetha ngabo? (1)
7.7 Wena ufunde ntoni kulo mbongo? (1)
[10]

**AMANQAKU ECANDELO A: 60**

## ICANDELO B

## UMBUZO 8

Unikwe izihloko ezine, khetha isihloko sibe sinye ubhale isincoko esimalunga namagama angama -250 – 300 ngaso. Imifanekiso iya kukunceda.

A. NGEXESHA LENDEBE YEHLABATHI EMZANTSI AFRIKA. Balisa





(40)

Uhlolo lwesincoko luyakugxila kwezi ngongoma zilandelayo:

- Ubungqina boyilo
- Ulwimi nesimbo, upelo, uqhawulo magama neziphumlisi
- Umxholo
- Isakhiwo
- Ukuhlela

B. Kukho umfundi kwibanga lesi-9 enifunda naye, indlela aziphethe kakubi ngayo ibonisa ukuba akanalwazi lubheke phi ngentsholongwane kagawulayo. Yenzani ingxoxo egumbini lokufundela nibonisa ubungozi besifo sikagawulayo nentsholongwane yaso. Bhala ngohlobo lwengxoxo.

Xoxa ungqiyame ngezi ngongoma zilandelayo:-

Oonobangela
Iimpawu
Inkxaso
Iziphumo
Ukuzikhusela

Uhlolo lwesincoko luyakugxila kwezi ngongoma zilandelayo:

- Ubungqina boyilo
- Ulwimi nesimbo, upelo, uqhawulo magama neziphumlisi
- Umxholo
- Isakhiwo
- Ukuhlela (40)

C. UKUBALULEKA KOKUGCINA IINDAWO ESIHLALA KUZO ZICOCEKILE.

Uhlolo lwesincoko luyakugxila kwezi ngongoma zilandelayo:

- Ubungqina boyilo
- Ulwimi nesimbo, upelo, uqhawulo magama neziphumlisi
- Umxholo
- Isakhiwo
- Ukuhlela (40)

D. Kuzizixholo-xholo, kuyaqhankqalazwa ngabasebenzi bakarhulumente, ngabasebenzi bemigodi, ngabafundi noo-nogada. Ucinga ukuba into yoqhankqalazo yindlela elungileyo yokulungisa izinto? Nika uluvo lwakho, uxele izizathu, ucebise okunokwenziwa xa abantu benento engabanelisiyo.

**Uqhankqalazo**




(40)

Uhlolo lwesincoko luyakugxila kwezi ngongoma zilandelayo:

- Ubungqina boyilo
- Ulwimi nesimbo, upelo, uqhawulo magama neziphumlisi
- Umxholo
- Isakhiwo
- Ukuhlela

**AMANQAKU ECANDELO B 40**

**EWONKE AMANQAKU: 10**
**0**